Isalathiso: 20210318-1706
Inombolo yefayili: 13/25/2
Imibuzo: Z Isaacs

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0003/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli (KwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSeekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo nakwiiNtloko zamaziko okubhalela iimviwo karhulumente nawezikolo ezizimeleyo

ISihloko: Ukuhlolwa kwamaziko okubhalela iimviwo karhulumente nazimeleyo ekuya kubhalelwa kuwo iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngo-2021

1. NgokoMimiselo 27(2) kwi-*Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination,* epapashwe *kwiGazethi kaRhulumente No. 37651* ye-16 Meyi 2014, "*Onke amaziko okubhalela iimviwo amele ukuhlolwa (evaluated) ligosa leqhumrhu lovavanyo, ukungqinisisa ukuba zonke iifasilithi eziyimfuneko zokuqhutywa kweemviwo ziyafumaneka kwiziko elo.*"

2. Inqununu mazizalise qho ngonyaka isixhobo sokuhlola amaziko (*audit instrument)* esibonisa ukulungela kwawo ukubhalisela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(NSC)/ezeSatifikethi seMatriki (*Senior Certificate *(SC))*. Ukususela ngo-2021 isixhobo sokuhlola amaziko masizaliswe kwikhompyuha yaye sinokufunyanwa kwi-*CEMIS* phantsi kwemenyu: "Exams/Assessments, *Exam centre audit instrument*".

3. Zonke izikolo ezibhalisa iimviwo ze*NSC/SC* zango-2021 mazizalise isixhobo i-*electronic audit instrument*. Umhla omisiweyo wokuzaliswa kwesixhobo (*electronic audit instrument)* esikwikhompyutha, ngowe-31 Meyi 2021.

4. Isixhobo esizalisiweyo kwikhompyutha (*electronic audit instrument*) masisayinelwe kwi-*CEMIS* yinqununu nangumphathi wesekethe.

5. Iziko lokubhalela uviwo ngalinye malifake kwikhompyutha isatifikethi i-h*ealth and safety certificate* esisemthethweni nesatifikethi i-*fire equipment service certificate* xa lingenisa isixhobo i-*electronic audit instrument*.

6. Kufuneka kusetyenziswe ezi khrayitheriya zokhuseleko zintlanu zizezona zisezantsi zilandelayo ukongeza kula manyathelo okhuseleko angamanye ekufuneka asetyenziswe kuwo onke amaziko okubhalela uviwo:
   - Isistim yokutshixa ngokuphindwe kabini, njengoko kufuneka kuphunyezwe umqathango wesistim yokutshixa ngokuphindwe kabini
   - Abagcini bezitshixo ngokumalunga nesistim yokutshixa ngokuphindwe kabini mababe ngamalungu eKomiti yoLawulo yeSikolo.
   - Unogada wokhuseleko makabekho ukwenzela ukuba alawule ukungena nokuphuma kumasango.
   - Iziko malibe negumbi elinqatyisiweyo.
   - Igumbi elinqatyisiweyo malibe nendawo yokugcina izixhobo zokubhala uviwo.

7. Amagosa avela kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni aya kuqhagamshelana nezikolo ukulungiselela umhla nexesha lokundwendwelwa kwazo ukwenzela ukuhlolelwa ukulungela kwazo ukubhalela uviwo.

8. Amathuba okundwendwelwa aya kwenziwa ukususela ngo-Apreli ukuya kuSeptemba 2021.

9. Apho kukho izenzo eziphinda-phindayo zokungathotyelwa kwemigaqo yeemviwo, iziko linokuphulukana nobume (*status*) balo bokuba liziko lokubhalela iimviwo.

10. Abafundi bezikolo ezizimeleyo abayi kungqinwa njengabaphumelele amabanga emfundo achaphazelekayo ukuba isikolo esizimeleyo asivunywanga *(accredited*) njengesifanelekileyo ngu-Umalusi.

11. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye neNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loViwo 0011/2019, yomhla we-15 Oktobha 2019.

12. Okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane makwaziswe bonke abasebenzi abenza umsebenzi wokusingatha nokulawula iimviwo ze*NSC* zango-2021 ezikolweni.

13. Kucelwa uqhagamshelane noMnu Zane Isaacs kule nombolo yefoni 021 467 2942 okanye nge-imeyili: Zane.Isaacs@westerncape.gov.za ngayo nayiphi na imibuzo onayo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-03-31